

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Amalungiselelo asentloko ekuvuneni okuncomekayo

NGUMNQWENO WABALIMI UKUVUNA BAZE BATHENGISE UKHOZO NGALUNYE ABANALO. LUBALULEKILE ULONDOLOZO NOHLENGA-HLENGISO NGEXESHA LOKUVUNA UKUZE KUPHUNYEZWE LO MNQWENO. ULONDOLOZO LOKUTHINTELA UMONAKALO SISICWANGCISO SOKHATHALELO ESIHLALA SIQHUBA QHO NESIPHUNYEZWA NGABANINI BEEFAMA OKANYE NGABASEBENZI BASEZIFAMA.

Uninzi lweengingqi ezilima iinkozo ehlotyeni belunemozulu yemvula exaphakileyo ngexesha lokulima, kwaye ngenxa yale meko ingaqhelekanga abalimi abaninzi banethemba lexesha lokuvuna lendyebo. Kutshanje sikhe senza izibalo, siqaphele ukuba iitrekta zethu, iinqwelo zemithwalo (iitreyila), oomatshini bokuvuna bebhula, oomatshini bokwahlula-hlula umthwalo kune noomatshini bokubhula baza kutsala nzima ngakumbi kunokuba bebesetyenziswa kwixesha elide kakhulu. Kubonakala ngathi baza kufinca umgama weekhilomitha ezininzi futhi bathwale imithwalo

Jenny Mathews, umbhalo kwiPula Imvula. Thumela i-imayili apha jennymathews@grainsa.co.za



engenakubalwa nenzima. Sidinga ukuqiniseka kangangoko ngokuba oomatshini banakhlo ukumelana nomsebenzi side isityalo sethu sifike ngokhuselko kwindawo yeentengiso, kuba nakuphi ukubekwa phantsi kwezixhobo ngethuba leenkqubo zokuvuna ziba neendleko eziphezulu kakhulu ekugqibeleni.

IMIQALISELO YOLONDOLOZO NGENJONGO YOTHINTELO

- Ukunciphisa intsilelo yoomatshini enokwenzeka.
- Ukuthintela ukwaphuka koomatshini okungalindelekanga.
- Ukolula umjikelo wobomi bukamatshini.



AMAZWI AVELA... kuJerry Mthombothi

ABANYE ABALIMI, KUBANDAKANYWA ABARHWEBAYO NABEENTENGISO EZINCINANE, BABA-MBE IGAZI LABO NGENXA YOMNQWENO WOKUFUMANA IZIVUNO EZIKHULU EKUPHELENI KWELI XESHA LOKULIMA. IIMVULA EZINKULU KUNYE NEZIKHUKULA ZONAKALISE IMIHLABA ELIMEKAYO, YILOO NTO KUKHO ABALIMI ABANAMATHANDABUZO OKUBA INGABA BAYA KUKWAZI NA UKUVUNA IZITYALO ZODIDI OLUNCOMEKAYO NOKUFUMANA IZIVUNO EZIPHEZULU.

Kungenzeka ukuba abalimi bajongene neengxaki ezifana nokugwantya kwamanzi, apha amanzi eme khona emasimini amanini alinyiweyo kuze oko kubangele ukuminxeka kwezityalo. Kwiindawo apha iikhonto zikhukulisewe ziimvula ezinkulu khona, kungenzeka nokhukuliseko lomhlaba. Kanti iindlala ezonakeleyo zibangele ukuba kube nzima ukufikelela emasimini, lwaze lwasilela ukhathalelo olufanelekileyo obelufanele ukwenziva kwizityalo.

Ukutshatyalaliswa kokhula nako kuba nzima kakhulu xa kumanzi emasimini, ngenxa yoko kwezinye iindawo ukhula luyaqatsela. Enye ingxaki enkulu kakhulu kukunyuka kweasidi yomhlaba ngokunjalo nokutshayeleka kwezondlo zezityalo ngenxa yeemvula ezinkulu ezifumanekileyo.

Abalimi abaninzi balime emva kwexesha kuba bekubalele kwinyanga kaNovemba nekaDisemba ngo-2020. Zithe apha zikalise khona ukuna iimvula, azayeka. Enye ingxaki enkulu kukungabiyela kakhulu kwamasmimi athile alinyiweyo, ngenxa yoko izityalo zabalimi zibhuqwe yimfuyo.

Ezinye zesi ngxaki zibangelwa kukungabi nalwazi olwaneleyo, kanti ezinye zenzenka ngenxa yokungakhathali. Ukusetyenziswa kwamanzi amdaka xa kutshizelwa ukutshabalalisa ukhula nezinambuzane akusayi kunkceda ekufumanenzi isivuno esihle. Ngokunjalo nokulima amanani aphezelu ezityalo akuncedi nganto.

Nangona kunjalo, abalimi ngabantu abanyamezelayo kwaye ndiqinisekile ukuba inkoliso yezi ngxaki iya kusonjululwa. Balimi, zamani ukuwabiyela amasimi enu. Yenzani iikhonto nakhe nezhongozelo ezizele ngumhlaba ukuthintela ukhukuliseko lomhlaba. Gcinani imihla echanekileyo yokutyala.

Yandisa ulwazi lwakho ngokusetyenziswa okufanelekileyo kweekhemikhali zokhula nezinye iikhemikhali, ngokunjalo nangokulungiswya kune nokwenziwa kwemilinganiseloo koomatshini bomsebenzi wokufama. Qwalasela ukulima kwiindawo ezisezantsi ukuze uthintele ukutyala emhlabenzi ogwantye amanzi. Lungisa umhlaba ngokuthatha iisampulu zemihlabi uze uzithumele kuavanyo.

Ukuze ube ngumlimi onempumelelo, yiba soloko ulandela imigaqo yokulima ngokuchanekileyo – sebenzisa imbewu eqinisekisiweyo, gcinai imihla echanekileyo yokutyala, faka izixa ezichanekileyo zezechumiso, tshabalalisa ukhula ngokwaneleyo, kananjalo yenza imilinganiseloo koomatshini bomsebenzi wokufama futhi ubalungise rhoqo. ■

Amalungiselelo asentloko...

- Ukwandisa ixabiso lukamatshini kangangoko.
- Ukucina ixesha ngocwangciseloo nolwabiwo lwemisebenzi kwanaphambili.

Abalimi beenkozo kungoku nje balunga-lungisa oomatshini babo ukuze banciphise ukubanjezelwa ngoomatshini abaphukayo, baphucula umgangatho wokusebenza kwabo, baqinisekise isivuno esikhuse-lekileyo nokugcinwa kodidi oluphezelu lweenkozo bakuba beqalise ngokuvuna bebhula isityalo.

Ukuchitha iiyure ezimbawla uqwalasela oomatshini bokuvuna bebhula, oomatshini bokubhola/bokuthutha, abokomisa nemigqomo yolondolozo kunomvuso omkhulu malunga nokulondolozo ixesha kune nokunciphisa ilahleko kwsigaba sokuthengisa. Bonke oomatshini abaza kudibana neenkozo, xa zisuka entsimini zisya kwimigqomo yolondolozo okanye kwizisele, bafanele ukucocwa ngocoselelo phambi kokuvuna ukuze kuncitshiswe umngundo nohlaselo lwezinambuzane, ngokunjalo kukhuselwe intlambuluko yeentlobo zeenkozo ezahluka-hlukileyo okanye iindawo zokugcina imbewu. Oomatshini abavuna bebhula, izithuthi zokutsala, oomatshini bokuthutha, oomatshini bokomisa kune nemigqomo yolondolozo mabacocwe ngocoselelo phambi kokualisa kokuxhabasha ngethuba lokuvuna.

Ukuba unescwangciso sokuzilondolozela iinkozo zakho, qinisekisa ukuba yonke imigqomo yeenkozo icocwa ngocoselelo, ngakumbi eyeenkozo ezenziwe ikeyiki ezinokungcolisa isityalo esitsa. Tshayela iindonga, iileli, izileyi nemigangatho ephakathi kwemigqomo yeenkozo ukuze kusuke konke okweenkozo zakudala nokunye okungafunekiyo, apha izinambuzane nezipora zomngundo kungenzeka ukuba zilindele ukuhlasela isityalo esifikayo khona.

OOMATSHINI ABAVUNA BEBHULA

Ngokucingela ukuba oomatshini abavuna bebhula bebelungiswe bacocwa ngocoselelo kwithuba lokuvuna elidlulileyo, iingxaki ezilandelayo zifanele ukuba sezihlangatyeyeziwe:

- libheringi: Bezihexa kakhulu okanye bezonakele? Ziqlwalaselwe zatshintshwa apha kuyimfuneko khona?
- libheringi zamavili: Zithanjisiwe ngeoyile.
- Amabhanti okufaka umoya: Atshintshiwe amabhanti okufaka umoya onakeleyo okanye atwezekileyo.
- Amatsheyini: Atshintshiwe amatsheyini atwezekileyo nawonakeleyo.
- 'l-pensketting': Iqwalaselwe itsheyini yokungenisa.
- Amathayara: Ingaba akhona nawaphi amathayara abangela iingxaki ngokuphantsha kaninzi? Tshintsha amathayara onakeleyo.
- libhushi: Ziqlwalaselwe iibhushi ezonakeleyo uze uztshintshe. Imeko 'yeebhushi zokuhluuhla' ibalulekile.
- Izinyusi: Aqwalaselwe amatsheyini ezinyusi ukuze kuthintelwe ukupinisa kakhulu kwawo.
- Izihluzi: Zikhangelwe izihluzi ezzivuzayo okanye ezonakeleyo, njengoko iinkozo zakho ziya kuvuza okanye kuya kungcola isampulu yakho ingabintle, izivuno zihle kune namaqondo azo.
- Hlola iphiko lakho namagobongqo, njengoko le ndawo ijika neyona ndawo ibalulekileyo njengoko kulapho zichutywa khona iinkozo esikhwebini.
- Koomatshini bezileyiti abavuna bebhula, qwalasela ukuba ingaba iintsimbi ezibhexeshayo azonakalanga na, nokuba zilungelelaniswe ngokuchanekileyo na. Mhlawumbi zisenokungasusi zonke iinkozo ezikhwebini okanye, xa zilungelelaniswe ngokungaqpapheli, zisenokuzaphula iipete. Ngokunjalo, qwalasela umonakalo kwizihluzi.

Yonke imiba ifanele ukuqwalaselwa ngokoludwe lwayo phambi kokualisa kokuvuna. Yenza uqwalaselo lwaphambi kokuvuna futhi uphinde kwakhona uthambise iibheringi ngeoyile. Konke oku kubhekiselele koomatshini abancinane nabakhulu bokubhula kune nabavuna bebhula. Ukuba unomatshini ovuna ebhula oziqhubayo, wuniwe inkonzo epheleleyo kuquka ukutshintsha ioyile nokufaka izihluzi ezitsha.

IZINQOLA EZIDONSWAYO

Iinqwelo zemithwalo ezahluka-hlukanisayo

Qwalasela okulandelayo:

- Amatsheyina, izinyusi noomatshini bokubhola ujunge umonakalo. Ingaba iibheringi zidinga ukutshintshwa? Ingaba amatsheyina adinga ukuqinisa okanye ukutshintshwa?

Abalimi abasaphuhlayo baseGrain SA badibana ngeintanethi

N GENXA YEMIMISELO YECOVID-19 NOKWANDA KWENANI LABAPHETHWE YICOVID-19 KWINYANGA KAJANYUWARI, AKUKHO ZINTLANGANISO ZEE-NDIBANO EZIBANJWE NGABALIMI ABASAPHUHLAYO BASEGRAIN SA. IINTLANGANISO ZIBANJWE NGEINTANETHI NGOMHLA WE-12 KUFEBRUWARI MALUNGA NAZO ZONKE ZONE IINGINGQI.

Umngeni wokuqala ekujongenwe nawo malunga nentlanganiso ngeintanethi ube luqagamshelwanonofikelelo kwizixhobo ebeziza kwenza ukuba abalimi bakwazi ukuthatha inxaxheba entlanganisweni. Ukusombulula lo mbandela, abaququzeleli beengingqi banyanjele ukuba basingathe imiboniso ukwenzela abalimi abangakwazanga kungena kwi-intanethi ekhaya. Ngenxa yemimiselo nendawo encinane, ngabalimi abanesakhono sokurhweba nabe-new era kuphela abavumelekileyo ukuya kwiindawo zeentlanganiso ezahluka-hlukileyo, ukuze kuqinisekiswe ukuba akusondelelwana, njengoko beyinxene yabathunywa abaya enkomfeni.

KUNIKELWE NGEENKUKACHA EZIYIMFUNEKO

Inkubo ibihlohlwe ngenene, kanti uJannie de Villiers, ebeligosa eliyintloko lesiqeba esilawulayo, ekwamele usihlalo wentlanganiso. UAlfred Gondo, umlimi wengingqi yaseLouwsburg, uvule intlanganiso ngomthandazo.

Inqaku lokuqala kwajenda libe kukwamkelwa komphathi osandul' ukutunjwa kuphuhliso Iwabali, uSandile Ngcamphalala. Uqale ngemisebenzi yakhe eGrain SA ngomhla woku-1 kuMatshi ngo-2021 kwaye uphawule nothakazelelo Iwakhe lokuqalisa ngokusebenza, nangentumekelelo yokufunda neyokwabela abanye ngobungcaphepe bakhe.

Amalungu esiqeba senkazo ebebandakanya uDirk Strydom, umphathi wethuba langoku kuphuhliso Iwabali, uRamodisa Monaisa noJeremia Mathebula, abayinxalenye bobabini yekomiti yesiqeba esilawulayo. Owokugqibela kwisigqeba senkazo ibinguPatricia Zimu, ongumsebenzi waseofisini nongumthengisi weGrain SA.

Malunga neNkubo yoPhuhliso IwabaLimi, uDirk Strydom ufcince isiquathlo esilandelayo:

- linguuko malunga nabasebenzi, eziqike ukunyulwa komphathi omtsha negosa lemisebenzi, abaya kungena endaweni kajane McPherson noWillie Kotze.
- Uchaze inkubo yolkwakhiwo olwenziwa ngokutsha eofisini yaseBloemfonteinneyeLichtenberg.
- Incoko iuke umbutho omtsha ongasebenzeli nzozo (NPO), owaziwa ngokuthi yiPhahama/Phakama. Lo mbutho ubunjwe ngokweCandelo 18A, aplo uRamodisa angusihlalo khona aze uJeremia abe ngusekela-sihlalo.
- Isiqeba senkazo siphinde saxoxa ngemeko yangoku malunga nenkxasomali yeeprojekthi kune nemingeni ejongene nayo.
- Inkazo iqosheliswe ngemibandela yeentengiso zangoku njengoku-hlelwa kombona kune nodidi Iwawa, nomahluko ngokweendawo.

- lindawo ezinerusi ziya kubangela ukuvuza kweenkozo.
- Amathayara afanele ukuba kwimeko efanelekileyo.

Ukwenzela ukuthutha isityalo

Qwalasela okulandelayo:

- Intsimbi esisikhusele ngaphambili kwisithuthi. Ingaba kukho naziphi iintanda ezifanele ukutshiselwa?
- Izikhonkwane okanye iibrashi ezonakeleyo. Zitshintshe xa kukho imfuneko.
- Thambisa 'isikameli' (ikhonkco elinokujikajika) ngeoyile uqinisekise ukuba akukho monakalo.

Ikageng Maluleke, Setsebi ho tsatihahiso temong, Grain SA. Romella emeile ho ikageng@grainsa.co.za



Kwithuba lemibuzo-kunye-neempendulo, abalimi bacele uqequesho malunga nemimiselo yokuhlela, njengoko iseludaba olukhulu. Baphinde bacela iprojekthi yeSACTA (iArhente yaseMzantsi Afrika yemiHlanganisela nobu-Chwepheshe - South African Cultivar and Technology Agency) ukuba yandiswe ukuze ikuze ukusetyenziswa koomatshini kwandiswe nabalimi.

Malunga nokuthengisa, uPatricia Zimu ugqalisele emisebenzini eyahluka-hlukileyo yeGrain SA ngokunjalo neenzuso ezifunyanwa ngamalungu. Uphinde wagxininisa ukubaluleka kokugcina imijelo yonxibelelwano ivuliwe. Amalungu akhuthazwe ekubeni anxibelelane namalungu awo esiqqeba esilawulayo futhi omnye anxibelelane nomnye ngokusebenzisa amaqela ofundonzu ukuze babelane ngeenkcukacha ixesha liselihle. Uphinde walatha ukubaluleka kokuhlawula imirhumo ukuze umbutho ube nozinzo.

Ngokubanzi, abalimi bebesethembeni kakhulu kwaye benombulelo ngeemvula ezintle nethemba ngexesha lokulima. Ingxaki enye kuphele ibe ziimvula ezingapheliyo ezikhokelele ekubeni kubekho iindawo ezikhukulisekayo, baze abalimi banengxaki yokufikelela emasimini abo futhi kwanzima ukutshiza ukhula.

UJannie ulivale eli thuba ngokunkira isishwankathelo sogqaliselo Iwango Iwesicwangciso-cebo sombutho nomgaqo oya phambili kulo nyaka, kuquka nesicwangciso sokunikelwa kweentambo kumphathi olandelayo emva kokuthatha kwakhe umhlaphantsi ngenyanga ka-Agasti. ■



Phambi kwenzela ukuthutha isityalo uPatricia Zimu, uJeremia Mathebula, uDirk Strydom, uRamodisa Monaisa noJannie de Villiers, ababe ngamalungu esiqqeba senkazo entlanganisweni yengingqi. Umphathi omtsha wophuhliso Iwabali, uSandile Ngcamphalala, usemva nolkageng Maluleke, ingcali kwezoqoqosho lolimo, kune noAlzena Gomes, igosa lobudlelane boluntu, bona bebesebenza emva kwemiboniso ukuqinisekisa ukuba iintlanganiso ezingahlalwa ndawonye ngabathathinxaxheba ziqhuba ngaphandle kwamagingxi-gingxi.

- Onke amathayara mawaqwalaselelwue ukukhangela umonakalo, ngokunjalo nakwiirimu kujongwe iintanda. Lungisa okanye tshintsha xa kukho imfuneko.
- Thambisa iibheringi zamavil zonke ngeoyile.
- Amacala emithwalo emikhulu ukuqinisekisa ukuba akukho zikhewu okanye iindawo ezivuzayo.
- Izibhenguzi ezisemacaleni eziwelwa ukukhupha iinkozo zifanele ukusebenza ngaphandle kwamagingxi-gingxi kwaye zizinze, ukuze zingavuleki ngemposiso endleleni.
- Xa uqhuba kwiindlela zoluntu, ingaba ilayisensi zakho zisesikweni? ■

Uhlahlomali olulungileyo lungomeleza

ULAWULO LWEFAMA

ZIGANEKO ZEMINYAKA EDLULILEYO – IMBALELA, UBHU-BHANE WEHLABATHI, IMILIO YASENDLE, IZIKHUKULA ZAKUTSHANJE, INKXASO KARHULUMENTE ENQONGO-PHELEYO, UGQABHUKO LWEZINAMBUZANE NEZIFO KWI-INDAWO EZITHILE, NOBUME BANGOKU OBUNGQONGE UQQOSHO OLUCINEZELEKILEYO LWELIZWE LETHU – ZONKE ZIXININISE UKUBALULEKA KOLAWULO OLULUNGILEYO EKUPHILENI KOMLIMI.

Abalimi baseMzantsi Afrika basoloko bejengene neemeko ezingamashwa nezinciphisa iinzuso ngenxa yeendleko eziisoloko zinyuka zee-mveliso zamalungiselelo. Ngaphandle kwezcwangciso ezilungileyo kune nohlahlomali olulungileyo lonyaka ngamnye, uya kufumanisa ukuba kuba nzima kakhulu ukulawula ishishini lakho ngempumelelo. Oku kungenzeka nokuba ungumlimi olimela ukuziphilisa, olima kancinane okanye olimela ukurhweba.

KONKE MALUNGA NOHLAHLOMALI

Ngokwentetho elula, uhlahlomali yinkcazelo ecwangciselweyo ebhaliweyo yazo zonke izicwangciso malunga neemveliso zakho kune nezinye izicwangciso zeshishini lakho. Luchaza ngayo yonke ingeniso neenkitho ezinxulumene nezicwangciso zakho ngokwezixa neemali ezikhankanywayo. Uhlahlomali lukholisa ukupuka unyaka, umzekelo ukususela ngomhla woku-1 kuMatshi 2021 ukuya kumhla wama-28 kuFebruwari ngo-2022.

Uhlahlomali lunazo zonke izicwangciso zakho eziphathekayo (ezokulima nezinye), lude lufikelele kwinyathelo lasekugqibeleni lokwabiwa kwamaxabiso emali, okanye iirandi neesenti, kwinto nganye – ingeniso neenkitho. Oku kungenzwa ngokusebenzisa amaxabiso emali eminyaka edlulileyo, ekuthiwa ngamaxabiso embali, nangokufakela ipesenti ukuze kulungiselwe ukunyuka kwamaxabiso. Le ndlela yohlahlomali yaziwa ngokuthi luuhlahlomali ngokwezongezo. Unganakho ukubala amaxabiso ukususela ekuqaleni kwikhamte, nolwaziwa njengohlahlomali lokungekhoyo.

Umzekelo: Ngokwesicwangciso sakho sokulima, unesicwangciso sokutyalia iihektare ezingama-300 zombona ngokusebenzisa i-120 kg yesichumiso SELAN njengomaleko ongaphezulu. Umboneleli weenko-nzo wakho ucingela kwangaphambili ukuba ixabiso leLAN liya kuba yi-R6 050 ngetoni kunya ozayo. lindleko zesichumiso ke ngoko, ziya kuba ziihktare ezingama-300 x 120 kg x R6 050 ngetoni = R217 800.

Kwicala lengeniso unesicwangciso sokulima iitoni ezi-5,5 zombona ngokomyinge ngehektare ngexabiso elilindelekileyo lokuthengisa le-R2 750 ngetoni, ngokwearhente yakho yeentengiso. Ingeniso yakho elindelekileyo ke ngoko, iya kuba ziihktare ezingama-300 x 5,5 yetoni x R2 750 = R4 537 500.

Kananjalo, landela le nkqubo malunga nayo yonke intsusa yengeniso kune nazo zonke iinkitho zakho. Zonke iimveliso zamalungiselelo – imbewu, iikhemikhali zokhula, iikhemikhali zezinambuzane kune nazo naziphi iindleko zemisebenzi yemihla ngemihla efana namafutha okubasela, ukukhanda, ulondolozo kune nemivuzo – zifanele ukwenziwa ngale ndlela.

UNCEDO NGOHLAHLOMALI LOKUNGEKHYO

Uncedo ngohlahlomali lokungekhoyo kukuba luchaneke ngakumbi kuba umba ngamnye ubonwa njengekhamte. Xa usenza oku, zibuze lo mbuzo: ‘Kutheni kuyimfuneko oku?’ Ke ngoko, uya kuba nesixhobo esinamandla sokulawula iimali zakho, ngakumbi iinkitho eziphantsi

Marius Greyling, Mophehisi ho tsa Pula Imvula. Romella emeile ho mariusg@mccacc.co.za



kolawulo lwakho. Ngephanyazo uya kuqaphela iimposiso zexesa elidlulileyo, iinkalo zobuthathaka kune nemisebenzi engenangeniso.

Uhlahlomali lokungekhoyo luta ixesha kwaye mhlawumbi uya kudinga ukuncediswa ukuze useke inkqubo yakho. Uze ungathanda-buzi ukufumana uncedo okanye ukuya kwithuba loqequesho, njengoko oko kuya kuba lunchedo kuwe.

lindleko zefama ngokubanzi zahlulwe ngokwamaqela amabini:

- lindleko ezahluka-hlukaniswayo, nezikwaziwa njengeendleko zeemveliso.
- lindleko ezingahluka-hlukaniswayo, zezokuqhube umsebenzi kune nezisisigxina.

Xa sekusenziwa, asilolinge elinzima kangako ukufumanisa iindleko ezahluka-hlukaniswayo ukususela kwikhamte. Nangona kunjalo, ezinye iindleko ezingahluka-hlukaniswayo kungaba nzima ukuzifumanisa ukususela kwiqondo lekhamte futhi akukho mfuneko yeli lingi. Uhlahlomali ngokwezongezo okanye ukusebenzisa iindleko ngokwembali ukwenzela imiba ethile yimigaqo ebbetele enokukhethwa.

Qokelela iinkucukacha ezininzi kakhulu kangangoko ukuze uhlanganisele uhlahlomali lwakho, ngokwenza njalo uya kuba nesixhobo esithembekileyo sokulawula ishishini lakho. Uhlahlomali olucwangciselwe kakuhle ngokunjalo lwenza ukuba kuge lula noko ukuhlalutya isakhono senzuso sawo onke amashishini okanye amasebe esishini lakho.

PHUMEZA UHLAHLOMALI LWAKHO

Wakuba ulenzile ilinge lokuhlanganisa uhlahlomali, olusentloko ekomelezeni ulawulo lwakho ufanele ukuphumeza izicwangciso zakho ngokohlahlomali lwakho. Luqaphele ngakumbi ulawulo lwendleko zakho. Zama ukungabi nankitho igqithisileyo uzinqande kwiinkitho ezingacwangciselwanga.

Ukuba uhlangana naliphi ilishwa, kodwa ube unezicwangciso ezilungileyo kune neenkukacha ezinxulumene nemiba yemali, uya kuba lula umsebenzi wakho wohlenga-hlengiso ukuze umelane nelo lishwa. limeko zamashwa zinokuchaphazela ingeniso yakho kakubi kune/okanye zandise iinkitho.

Umzekelo, kungenzeka ukuba wenze uhlahlomali lokuseka ishedi entsha, kodwa kusuke kwenzeke ubethwe zizinambuzane ebezingalinde-lekanga nezonakalisa isityalo sakho. Isiphumo – yingeniso ecuthekayo kune neendleko ezigqithisileyo zokutshabalalisa ezo zinambuzane. Ngenxa yoko ufumanisa ukuba akusakwazi ukuseka ishedi ngokohlahlomali lwakho. Kuya kufuneka ukuba uhlenga-hlengise uhlahlomali lwakho ngokwemeleo okuyo mhlawumbi ude ubambezele ukuseka kwakho ishedi ukuya kunya ozayo. Xa usenza njalo ulawula uhlahlomali lwakho.

Ukuziqhelanisa kukhokelela kwimfezeko; kwaye uya kumangali-swa yindlela oluya kuchaneka ngayo uhlahlomali lwakho kwiminyaka embalwa xa lusenziwa kakuhle ngokunjalo lumphunyezwe ngengqalelo. Uhlahlomali oluphunyezwa kakuhle luya kuba sisixhobo esibalulekileyo esomeleza ulawulo olulungileyo, kwaye uyaludinga ukuze ujonganayao yonke imingcipheko kwishishini lokufama. ■

ICANDELO 3 | Ukusebenza KWENTENGISO YOMBONA

ELI NQAKU LELESITHATHU KUTHOTHO LWAMACA-
NDELO AMANE ALILINGE LOKUHLOLA IMIBANDELA
ESISISEKO NENEFUTHE KWINTENGISO YOMBONA.
ELI NQAKU LIZA KUGQALISELWA KUQIKELELO
LWEXABISO ELINGAQUI ELESISELE KUNYE NENDI-
MA YOMAHLUKO OWENZIWA YINDAWO.

Ixabiso elingauki elesisele libhekiselele kwixabiso elihlawulelwa imveliso eRandfontein (amaxabiso angauki awesisele). Ixabiso elingauki elesisele liqikelelwa ngokuthabatha iindleko zothutho kwixabiso leSafex kwiisele ngasinye esibhalisiwego. Malunga nombona, kukho iiKhontrakthi ezinini ezidweliswe kwiSafex. Umahluko owodwa ngumhla wokuphelelwa licesha. Enye yekhontrakthi zorhwebo kwiSafex iya kusoloko inomhla wokuphelelwa kwexesha ohambelana nenyanga esikuyo. Umzkelo, ikhontrakthi kaMeyi ngo-2021 iphelelwa licesha ngomhla wama-24 kuMeyi ngo-2021. ikhontrakthi zirhweba kumaondo ahluka-hlukileyo amaxabiso, aphi umhla wokuphelelwa kwexesha ongowna usondeleyo urhweba ngelona xabiso liphezulu. Nangona kunjalo, oku kubhekiselele kuphela kwizityalo zangoku. Njengoko kuqala ixesha elitsha lokulima, amaxabiso eekhontrakthi malunga nesityalo sexesha elitsha lokulima asenokwahluka ngokupheleleleyo.

Ukuze kumiselwe "indawo" aphi ikhontrakthi iqale yanika ixabiso okanye yarhweba khona, imisebenzi yeSafex isebezisa umahluko wendawo, kanti iRandfontein yeyona ndawo ibekwa kwangaphambili. Njengoko onke amaxabiso eSafex esekwe eRandfontein, oko kuthetha ukuba xa umlimi esisa okanye umsili esamkela imveliso esiwa eRandfontein, uya kufumana okanye uya kuhlawula ixabiso leSafex elihambelana nekhontrakthi nenyanga yokusiwa kwemveliso (ixabiso elingauki elesisele).

Njengoko ukusiwa kwempahla kusenzeka kuzo zonke iindawo kwiingiqi ezilimayo ezahluka-hlukaneyo, amaxabiso angauki aewzisele ase-kwe kwixabiso leSafex elihenga-hlengisiwego. Umzkelo, ukuba iindleko zomlimi zothutho phakathi kweRandfontein nesisele asikhethileyo ziyo-R90 ngetoni, ixabiso lokusiwa kwempahla lomlimi liya kulingana nexabiso laseRandfontein (lixabiso lekhontrakthi ngenyanga yokusiwa kwempahla) kuthatyathwe iR90 ngetoni yeendleko zothutho. Umthengi ke ngoku uya kulanda umbona kwisisele esithile ngexabiso leSafex ekuthatyathwe kulo iR90 ngetoni. Ezi ndleko zothutho zingumahluko zibalwa qho ngonyaka kwaye ziayumaneka kwiwebhusayithi yeJSE. Umahluko ngokwendawo

*Ikageng Maluleke, Ingcali yezo-
Qoqoshu kuLimo, eGrain SA. Thumela
i-imeyili apha ikageng@grainsa.co.za*



usekwa ngokweendleko zothutho zomyinge wobunzima endleleni nase-siporweni. lindawo ezilusebenzia kakhu hluhlu uthutho endleleni ziya kuba nendawo enkulu noko yothutho endleleni kwiisibalo.

Isiseko (iindleko zomahluko wothutho neentlawulo zokusebenza) sisalathiso samaqondo amaxabiso angauki aewzisele kwizisele ezahluka-hlukileyo ezibhaliswe kwizisele zeSafex. Umlimi angasisebenzia kumalinge akhe okuthengisa umbona wakhe. Akanyanzelekanga ukuba athengise umbona wakhe ngexabiso elinganeno kwiiseko seSafex. Uku-ba akafumanu mthengi ukuthakazelelayo ukuthenga ngelo qondo lexabiso, umbona wakhe angawusa kwisiselos esibhalisiwego seSafex, afumane isatifikethi ukwenzela intlawulo yeSafex. Ingxaki ngorhwebo olusiseiseko lufikelelo lomlimi kweli qondo leenkukacha. limbumba ezisebenzisanayo zendawo okanye abathengi bendawo bombona banakho ukuwuphumeza lo msebenzi ubalulekileyo. I-Safex inika abalimi ithuba lokukhusela isityalo sabo ngokunjalo nethuba lamaxabiso athotyiwego ukwenzela ixabiso eli-qinisekiwego elilelona liphantsi kummandla wentengiso yendawo.

Abalimi bakhuthazwa ukuba baziqhelanise nemeko yokuthengisa nentengo kwindawo yabo yokulima ukuze bafumane uchatha wenegeniso ngemveliso yabo. La maqondo awamiselwanga kwaye akuthethathethwana ngawo phakathi komthengisi nomthengi ngentengiselwano nganye. lindawo zomahluko zisuka zimisele ukubekwa kwamaxabiso ekhontrakthi yexesha elizayo ukuze abe nesalathiso esinye. Kwzigane-ko aphi intengo yendawo ingaphaya kwentengiso yendawo khona, mhlawumbi ngenxa yonqongophalo lwestiyalo okanye ukusilela kumatshini okufutshane oguqu-guqula ukuya, umahluko phakathi kwexabiso elisisiseko neleSafex usenokuba nganeno kumda wothutho okanye ude ube ngaphezu kwexabiso lentengiso lexesha elizayo. Ukuba intengiso yendawo ingaphezu kwentengo yendawo, isiseko sinika abalimi isalathiso esicacileyo sokuba ixabiso lombona elingauki elesisele kwindawo ethile lifanele ukuba yintoni na. ■

HELPING FARMERS STAND AS TALL AND PROUD AS THEIR CROPS



PANNAR®
Together we farm for the future™

CORTEVA™
agriculture

TM © Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2021 Corteva. 2021/CORP/PI/007DEV

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

Iimfihlelo ngempumelelo ekufuyeni iinkuku zenyama

ICANDELO 2

MIBA EPHAMBILI EFANELE UKUKHUNJULWA MALUNGA NOKUFUYA IINKUKU ZENYAMA ICHAPHAZELA ABALIMI ABANOMSEBENZI OMNCINANE NABOMSEBENZI OMKHULU. NANGONA KUNJALO, KUBALULEKILE UKUCINGISISA NGEZISEKO – EZIFANA NOLAWULO, UKWAKHIWA KWEZINDLU NEZISEKO ZEZIBONELELO – KUMAXESHA NGAMAXESHA.



UKUGCINA IMPAHLA NGENDLELA ELUNGILEYO

Umlimi weenku zenyama uyakonwabela ukuzifaka ezindlwini zazo ukuze aqwalasele indlela eziziphatha ngayo ezi ntaka kanye nemeko yazo yempi. Kubalulekile ukukwazi ukuzicingela, ukuba nomonde nokuzinikela kwinqalelo ngokobucukhede bayo. Kwizindlu ezinkulu, kubalulekile ukwenza uqwalaselo lwemihla ngemihla kanye namanyathelo akhawuleziswayo malunga naziphi iingxaki zempilo ukwenzela ukufumana impumelelo ngokwasemalini.

Yiba solo lo uqwalasela isimo seentsiba zeenkuku, amehlo, umlomo nolwimi, inkubo yokuhula kweentsiba, ukupuhla kwesifuba, iintunja ngokunjalo nemilene, iinyawo neemeko zesikhumba.

UKUODOLA AMANTSHONTSHO AKHO ANOSUKU OLUNYE UBUDALA

Phuhlsa ubudlelane obufudumeleyo nomthengisi wakho omkhethileyo, njengoko uya kusoloko uodola izicuku zobukhulu obuphantse ukulingana qho kwiiveki ezixishenxe ukuya kwezilithoba kude kuphele unyaka, Izicwangciso zokuqandusela mazensiwe kwangaphambili ukuze bonke abaxumi bafumane iimfuneko zabo ngexesa. Xa kufuneka, hlawula iidipozithi, kanti iimeko zokuhlawula zicaca kuwo omabini amaqela. Ukuba uthenga rhoqo, ungalindela ingqalelo malunga nemibandela yodidi kanye neengxelo zamathuba adlulileyo ezivela kumthengisi wakho nangelipi ixesha. Qiniseka ukuba wazi nciam ukuba impahla izu kufika ngoluphi usuku nexesha.

AMALUNGISELELO OKUFIKA KWAMANTSHONTSHO

- Kubalulekile ukuba amantshontsho afike konke kulungile efama nasezindlwini zeenkuku phambi kokufika kwamantshontsho anosuku olunye ubudala.
- Coca ukhucule iintsholongwane ezindlwini zeenkuku.
- Qwalasela ukuba zonke izinto zakho zokusela zemilo yentsimbi, izixhobo zokondla zeetyhubhu kanye neekhetini kwizindlu ezinecalal elivulekileyo zisebenza ngokuchanekileyo.
- Makunikelwe ngamanzi alungileyo acocekileyo, akudidi olufanele ukusetyenziswa ngabantu, kwaye zonke izixhobo zokondla zeetyhubhu mazizaliswe.
- Kuyafuneka ukuba zihlohlwe izithebe rezondlo ezisidibi nezinezondlo ekuqalwa ngazo ukuqinisekisa ukuba amantshontsho asandul' ukufaka afumana izityalo zavo abe nawo namanzi awaneleyo okusela msinyane kangangoko emva kokuvulwa kweebhokisi endlwini.
- Ucetyliswa ukuba ubo nezixhobo zokusela zemilo yentsimbi ezaneleyo (izixhobo zokusela ezintandathu ngamantshontsho ali-1 000), izixhobo zokondla ezizityhubhu kanye nezithebe ngamantshontsho ali-1 000 anosuku olunye ubudala.
- Kumathuba athile beka izixhobo zokusela ezongezelwego ezelishumi ngamantshontsho ali-1 000 aphi abekwe khona.
- Qinisekisa ukuba izixhono zokufukamisa zamachokoza azizangqa, nokuba zezegezi okanye zezombane, nezifudumezi zezbane ezi-bomvu ziyansebenza kwaye ziyafikelela kobona bushushu bufaneleke kwiqondo elifanele amantshontsho.

Indlu yeenku ifanele ukufudunyeza kwangaphambili kwiiyure ezingama-24 phambi kokufika kwamantshontsho kwaye ubushushu bufanele ukulinganiswa nobude bamantshontsho. Kweli qondo, okufanelekeleyo bushushu bama 32°C kuyo yonke indlu yokufukamela ngokunjalo bube ngama 32°C kwizindlu zokufukamela zamachokoza. Ubushushu bendawo

yamantshontsho bube phakathi kwama 28°C nama 32°C. Imigangatho yesamente inokufudunyeza ifikelele kuma 40°C ukuqinisekisa ukuba amantshontsho agcina ubushushu obufanelekileyo. Ukufuma, okanye isixa somphunga emoyeni phakathi endlwini, masibe phakathi kwama 60% nama 70%.

Ukuba usebenzisa iphepha, qiniseka ukuba ama 80% endawo yokufukamela, eyiyona ndawo incinane endlwini enikelwa ngakumbi kwibanga lokufukamela, igcineke kakuhle. Beka ama-40 g emvuthuluka yokuqalisa ngentshontsho ngalinye ephepheni.

IMVUTHULUKA

Omnye wemibandela yemfuyo ebaluleke kakhulu ngumgangatho nesixa semvuthuluka esisetenziswayo. Amacwecwana omthi wepayina okanye isitroyi sengqolowa esicandiweyo nesinesakhono esiphezelu sokufunxa amanzi mawandalalwe njengomaleko omalunga ne-2,5 cm ukuya kwi 5 cm emigangathweni eqinileyo yesamente okanye ube li-10 cm emigangathweni yomhlabo. I-5 cm emigangathweni eqinileyo yesamente izu kubunqanda kanobom ubunzulu bengqe.

linku zingalahlekelwa bubushushu obuninzi bomzimba ngenxa yeenyawo zazo ezidibana nemigangatho ebandayo. Ngoko ke, kubalulekile ngokugqithisileyo ukugcina ubushushu bamantshontsho bufaneleke kangangoko.

INDAWO YAMANTSHONTSHO

- Thula amantshontsho uwabeke ephepheni kwindawo yokufukamela. Walinde ukuba aqizhelanise nendawo kwiyure enye nokuba zimbini. Emva koko qwalasela isondlo, amanzi, ubushushu nokufuma, uze ulungelelanise izimiselo zendlu ukuba oko kuyauneka.
- Qiniseka ukuba amantshontsho 'akhala' kakuhle, acocekile, ema ngozinzo, ahamba kakuhle, adlamkile kwaye ayaququzel. Jonga ukuba ingaba isingxobo somthubi weqanda sitsaleke ngokupheleleyo kwaye nenkaba ipholile.

Amantshontsho afanele ukuba nobunzima obuphakathi kwama-38 g nama-43 g ukuze aqalise kakuhle kufikelelo lwemigangatho yokuhula efuneka kwixesha elizayo. Linganisa ubushushu beentunja zamantshontsho, obufanele ukuba phakathi kwama 39,4°C nama 40,8°C kwiintsuku zokuqala ezine ukuya kwezintlanu. Yiba solo lo uqwalasela ukuba ingaba amantshontsho azisebeniza ngokufanelekileyo na izityalo zavo. Zixeles kwangoko naziphi iingxaki oziqwalaseleyo kumthengisi woqanduselo.

UKUKHANYA

Bonelela ngeeyure ezingama-23 zokukhanya kwiintsuku zokuqala ezisixhenxe ukuze ukhuthaze esona sondlo sininzi nokuselwa kwamanzi.

CONCLUSION

Umlimi osaqlayo okanye abalimi abanqwenela ukuphucula imigaqo yabo yangoku yolahulo ngokufuya iinkuku zenyama, mabathobe iincwadana zoqeqeshp ezineenkukacha ngokufuya iinkuku zenyama ezifumaneka kwi-Intanethi ukwenzela iintlobo zeCobb, iRoss neArbor. Imigaqosiseko eneenkukacha eboniswa kumba ngamnye wokufuya iya kunceda umlimi ngokwenza isigqibo ngokuba uza kukhetha eyiphi imigaqo ngokweemeko ezmimgqongileyo nezingafaniyo nezabanye.

Inqaku elilandelayo liya kuxoxa ngokusetyenziswa kwsendlo, eminye imibandela nokuphumeza imveliso yodidi oluphezelu. ■

Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

Masiqwala sele imisebenzi yengingqi yaseMpumalanga

NGOMHLA we-17 kuFebruwari, umphathi wengingqi, uJerry Mthombothi, ohlala eNelspruit, ukhe waya eLimpopo apho aqalise khona ngamaqela amatsha ofundonzulu aza kuba phantsi kwale ngingqi. Uteyelele amalungu eqela lofundonzulu ali-13 eZaaiplaas ukuze awakhokele ngendlela eyakhayo awanike namacebo malunga namasimi abo alimekayo. UBetty Tala noChristina Mapaila bobabini banenxaxheba kwiProjekthi yaseGrain SA ethi Ngaphaya kweNdyebo. Njengentshatsheli yophuhliso Iwabali, uJerry unemin-cili ngenkqubela eboniswe ngamalungu eqela lofundonzulu elitsha laseLimpopo, uninzi Iwawo luhlala kwiindawo ezingamaphandle enene. Kwixesha elidlulileyo avune phakathi kweengxowa ezintlanu nezilishumi zombona kwihekture. Ngoku sijonge phambili ekuvuneni iitoni ezi-3 ngehekture ukuya kwezi-4 ngehekture nje ngenxa yokusebenzia imigaqo ephucukileyo nokumamela amacebiso eengcaphephe.



Umlimi uBetty Tala wathatha icebiso likaJerry lokutshiza nokwenza umaleko ongaphezulu wezichumiso ze-N. Khawujonge isivuno sakhe ngoku!



Omnye umlimi oncumileyo ngoku emva kokuba emamele icebiso likaJerry lokwe-nza umaleko ongaphezulu ngeengxowa ezimbini zezichumiso ze-N emva kokufumaneka kokhula oluncinane, ngumlimi uChristina Mapaila.



Le yintsimi yomntu ongelolungu leGrain SA osebenzia oomatshini ukukhucula ukhula emasimini alimekayo, kodwaakanasikhokelo esimnika umthombo wolwazi.



Upuhliso Iwabali, IwaseGrain SA lumisele iintsuku ezine ukuya kwezintlanu zezfundo zoqosho ngoFebruwari. Esinye sezi zifundo esithi, 'Intshayelelo ngeembotyi zesoya,' sanikelwa nguTimon Filter eBreyten Hall. Isifundo safumana inkasomali ngeOPDT kanti ngama-25 abalimi ebebeyle kulo.

UKUBALULEKA kobambiswano

'ABAHLOBO' benkqubo' ababini babe nega-lelo ekwenzeni umahluko eluntwini nasebomini babalimi bethu. Silabalula ngombulelo igalelo labo.



UBayer ngumxhasi wakudala nongumahluledane wenkqubo yoPhuhliso Iwabali yaseGrain SA. Kulo nyaka uBayer unikele ngeengxowa zembewu ezili-106 x 2 kg kwofisi yaseNelspruit ukuba ziphi-we abalimi abalima kancinane nabazabalaza uku-phucula ubukho bokutya okwaneleyo emakhayeni abo. USophy noAnna Mohlongo babengabalimi ababini kwabaliqela abaxhamle kulo mnikelo.



Iofisi yeGrain SA yaseNelspruit incede amalungu oluntu nemibutho yecawa ukuba baumane umnikelo womguba wombona ngeli xesha lingumngeni ongaka. UMkhondo TWK ePiet Retief unikele ngeengxowa ezili-1 000 x 10 kg zomguba wombona ezazisisipho samalungu oluntu anobuntununtunu kuba elahkelwe yimisebenzi ngenxa yomvalela-ndlwini kabhubhane weCOVID-19. Abantu babonise umbulelo kwiGrain SA ngesi sindululo.

PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHILULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit
■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Joritha Hechter



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi
Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mertz
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier
EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel
ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi
Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

**IPULA IMVULA IFUMANEKA
NGEELWMI EZILANDELAYO:**
isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the
views of the writers and not that of Grain SA.

AMABALA OKUNQANDA umlilo abalulekile kukhuselo

NGOKOMTHETHO OMISELWE NGOMLILO, WONKE UMNINI-MHLABA APHO KULOO MHLABA KUNOKUQALA KHONA UMLILO WASENDLE UZE UNWENWELE KWINTSIMI EMELENE NAWO, UNOXANDUVA LOKUBA NEBALA LOKUNQANDA UMLILO KWCALA LAKHE LESIBIYELI. UMTHETHO OMISELWEYO UCHAZA NGOKUCACILEYO UKUBA IBALA LOKUNQANDA UMLILO MALINGADIBANI KWAPHELA NEZINTO EZITSHA LULA.

Kwizithili ezithile imibutho yolawulo lomlilo inemithetho enceda ngamabala okunqanda umlilo. Ikhona nemibutho ezibekeli eyayo imithetho malunga namabala okunqanda umlilo.

INJONGO YEBALA LOKUNQANDA UMLILO

Eyona njongo yebala lokunqanda umlilo kuku-
ba nendawo engasemva aphi kunokuqaliswa
khona umlilo. Le yeyona ndlela incomekayo
yokulwa umlilo wasendle. Eli nyathelo lomlilo
wendawo engasemva malenziwe kuphela
phantsi kolawulo lomcimi-mlilo onamava,
kubeko abalimi nabacimi-mlilo abaneleyo
bokunika inkxaso.

Ibala lokunqanda umlilo malibe banzi ngo-
kwaneleyo ukuze libe nako ukunqanda umlilo
wasendle ukuba unganwenveli ngaphaya
komhlaba wakho. Ibala lokunqanda umlilo
elenziwe ngomcangcatho alivumelekanga,
njengoko umlilo unokuqabela ngapezulu.

Ukuba ingca kwelinje icala lebala lokunqanda umlilo iphakame kangange-1 m, ibala
lokunqanda umlilo lifanele ukuba banzi ka-
ngange-3 m obona buncinane. Ukuba kukho
amatyholo aphakame kangange-2 m ma-
calala, ibala lokunqanda umlilo malibe banzi
kangange- 6 m.

UKWENZA IBALA LOKUNQANDA UMLILLO

- Yazisa bonke abamelwane ngokuthi uza
kwenza amabala okunqanda umlilo. Yiba
soloko ubaxeleta nabasebenzi babo ngeen-
nkukacha kulo lonke ithuba lenkqubo.
- Qiniseka ngokuba iimeko zemozulu ziku-
fanele ukwenziwa kwamabala okunqanda
umlilo, ngakumbi ukuba amabala okunqa-
nda umlilo aza kutshiswa.
- Qiniseka ukuba bonke oomatshini abase-
tyenziselwe ukwenza amabala okunqanda
umlilo banikwa inkonzo yokwenza ukuba

**Pietman Botha, Pula Imvula
contributor. Send an email to
pietmanbotha@gmail.com**



babe kwimeko yokusebenza elungileyo.

- Qiniseka ukuba umsebenzi ngamnye uya-
yiqonda imisebenzi yakhe kwaye uyawazi
afanele ukukwenza xa kukho okunga-
sebenzi kakuhle koomatshini bokucima
umlilo okanye xa kukho utshintsho olu-
ngalindelekanga emoyeni. Makusoloko
kukho isicwangciso hlezze kubekho oku-
ngahambi kakuhle.
- Qiniseka ukuba bonke abasebenzi basebe-
niza isivatho sokubakhusela xa kutshisa
ibala lokunqanda umlilo.
- Ibala lokunqanda umlilo linokukhculwa
ngomlielo olawulekayo ngoncedo lwabase-
benzi abacima umlilo. Olona ncedo lukhulu
lwala mabala kukuba aqala ukuba luhlaza
ekuqaleni kuka-Agasti, ngeliax ingca yase-
ndle isatsha lula.
- Ibala lokunqanda umlilo lingatyenenezisa
ngegreyida egxunyekwa emva okanye ezi-
qhubayo. Qiniseka ukuba zonke izityalo
zisusiwe kwibala lokunqanda umlilo. Ngale
ndlela ingca iya kuntshula phambi kwe-
yasendle ukuze iwunqande bhetele umlilo.
- Ibala lokunqanda umlilo lingensiwa nango-
matshini osikayo. Umatshini osikayo uya
kusika izityalo ezisemhlaben, kuze kuge
lula ke ngoko ukuwenza kakuhle umse-
benzi. Nangona kunjalo, okungalunganga
kukuba, ngenxa yokuba umhlaba uyapha-
zamiseka, ukhula luya kukhula kodwa
iingcambu zomhlaba ziya kufa. Kuseno-
kubakho ukukhukuliseka komhlaba.
- Ibala lokunqanda umlilo lisenokutshizwa
ngekhemikhali yokhula ukuze lufe kwa-
ngoko lisaqala ixesha lokulima. Ke ngoko,
izinto eziqfileyo zinokutshiswa phambi koku-
ba zife izityalo eziqfutshane.
- Imizila yomlilo esekiweyo inokurhuqwa
rhoqo kuwo wonke unyaka, ngokusebe-
niza iqela lezigidla ezilayishwe umthwalo
omkhulu, iitrektrara okanye iinqwelo zama-
thayara amakhulu angaphambil.
- Khumbula ukusoloko ubazisa abamelwane
bakho ngezenzo zakho kwaye ulibambe ix-
sha malunga namabala okunqanda umlilo.
Ngolwazi oluthe vetshe, zidibanise nombutho
wolawulo lwemililo yendawo yakho. ■

THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST